Canzibe 2016

Sihlobo Sokuthandaza,

Bendisoloko ndicinga ngemibuzwana ethile mva nje: Kutheni sithandaza nje? Ingaba umthandazo uza lula na kuwe?

Umthandazo awuzi lula, kwaye lo mbono wokuthandaza uphimisele ungenza sibenokuxakaniseka singabaninzi. Kananjalo, uThixo unyanisekile ukuzisa abafazi abahlanganise ngexesha lobunzima neemfuno kubathandazi bakaProject Hannah. Amaqela abathandazi bethu banikela ngendawo ezikhuselekileyo kubo bonke abathatha inxaxheba kuphathiswane ngobunzima.

Omnye wamanenekazi obeyinxalenye yababekho kumhlangano e Mzantsi Afrika uvakalise umbulelo wakhe ngale Project uHannah ukuba ingumkhuthazi kuye ukuba athi rhoqo esiza emthandazweni bonke olwezihlanu ukuzakuthandaza namanye amanenekazi. Usichaphulele wathi le nto imncede kakhulu kwii nkalo zobomi bakhe kwaye eminye yemithandazo yakhe iphendulekile.

Elinye iqela labathandazi eMzantsi Afrika belikade licela uThixo ukuthi aphe amandla umzalwana othile omtsha kweli qela. U Mrs. S. ubulela uThixo ngokuba ngoku uyabona ebengaboni. Ungqina ukuba ebemfamekiswe yimimoya emdaka. Ebekade ebeke ithemba lakhe kwizinyanya. Entliziyweni yakhe ebefuna ukusebenzela uThixo, kodwa ebeza ukusebenzela uThixo kwelinye icala esebenzela izinyanya. Amakholwa ahamba aya endlwini yakhe amthandazela. Makadunyiswe uThixo ngoba ngoke usebenzela uThixo ophilayo qha!

Indikhumbuza namhlanje ukuba xa sijonga eBhayibhileni sifumanisa iindawo ezininzi ezisikhombisa indlela zisikhuthaza emthandazweni.

- Ningaxhaleli nto, mazithi iingcelo zenu ezintweni zonke, ngako ukuthandaza nokukhunga, ndawonye nokubulela, zaziswe kuye uThixo. Lwaye uxolo lukaThixo, olugqithisele kuko konke ukuqonda, luya kuzigcina iintliziyo zenu neengqiqo zenu kuKrestu Yesu. (Philippians 4:6-7 Ndamfuna uYehova wandiphendula, wandihlangula kwinto zonke endinxunguphala zizo.”). (Psalm 34:4).

- Xa sidiniwe, umthandazo uyasinceda sifumane ukuphumla. “Yizani kum nonke nina nibulalekayo nisindwayo ngumthwalo, ndokuninika ukuphumla” "Come to me, all you who are weary and burdened, and I will give you rest” (Matthew 11:28).

- Umthandazo usikhumbuza ukuba asisodwa kwaye uThixo ukufutshane. “Usondele uYehova kwabantliziyo zaphukileyo. Abasindise abamoya utyumkileyo” (Psalm 34:18).

- Umthandazo uvula amehlo ezizwe. “Zavuya zamemelela izizwe ngokuba uyakugweba phakathi kwezizwe ngokuthe tye. Uzikhaphe izizwe ehlabathini. Ngamana zabulela izizwe kuwe Thixo. Zabulela izizwe kuwe zonke ziphela.” (Psalm 67:4-5).

Sihlangabeze nawe kule nyanga sisathandazela oosisi bethu e Southern Afrika. “Let the heavens be glad, and let the earth rejoice, and let them say among the nations, ‘UYehova nguKumkani!’ (1 Chronicles 16:31).

Peggy Banks
Global Ministry Director
Project Hannah

Makadunyiswe uThixo ngokukhuthaza abafazi abatyelela iSouthern Afrika bememela abanye abafazi emthandazweni nokuba bze kumamela inkqubo I Women of Hope ngeelwimi zabo. Thandaza ukuba iimali zibekhona ukuxhasa le nkonzo, aba bafazi basebenza nzima ukuphucula iimpilo zabanye.

Oku kulandelayo kuyingxelo engotyelelo kwiindawo apho uProject Hnnah aqalayo ukwenza imithandazo:

E Swazini:

Umhlanganisi wale Project eSwazini, uKhaboe ehamba nabafazi abalishumi elinesithandathu ukusuka eManzini ukuya eKandida. Olu tyelelo kubafazi base Kandida beluqulunqwe ngu yi Nduna.

"UNkosikazi weNduna wasamkela, wabuvuyela ubukho bethu njengoko bengabantu basezilali…. Besinentsipho, esiye sabapha yona; kule ntsipho sibhinqise amcwecwe anevesi. Bebengazavuyi ukufumana oko."

uKhaboe wabe sel ebapha iZwi likaThixo, kodwa phambi koko wazise uProject Hannah njengenkonzo yabathandazi komama bala ngingqi. Bayichulumancela, ingakumbi lo mbono wokuthandazela abafazi hlabathi jikelele. Siye safundisa ngoDokhasi, umfazi owayezinikele ukwenza izipho nobubele ukusebenzela abantu emphakathini wakhe eJoppa. (Izenzo 9: 36-43). Kufanele sizimanye nokunceda abanye nokunikela kwabo badinga uncedo.

E Mzantsi Afrika

Umhlanganisi wale Project Hannah e Mzantsi Afrika u Lyn Burnett, wabamba ibhanoyi ukutyelela iqela le Project Hannah KwaZulu Natal, saze Mzantsi Afrika. Iqelalika Project Hannah lengingqi yakwaZulu Natal iye yanikeza uLyn Burnett ingxelo ngenkqubo iWomen of Hope ethe yashicilelwa kwi sitishi sikanomathotholo wasekuhlaleni iTWR.

Banikeze nengxelo ngezinye izinto ezenziwayo kumaqela abo okuthandaza nalawo ahlalela ukuphulaphula inkqubo *Women of Hope* ezizezi:

- Iqela iMbumbulu enabahlolokazi abamalunga namashumi amabini anomnqweno ondzulu wokwazi nokusebenzela uThixo.
- Iqela iKwanyisa inikeze ubungqina obunamandla benenekazi sangoma (witch doctor) oye wanikela impilo yakhe kuYesu. Bona amandla omthandazo!
- Iqela elikufutshane ne Valley Trust lisaqhuba. Abantu kweli qela baya ngokuguquka. Besakufumana imisebenzi abafazi bayahamba kodwa abanye abatsha bayafika.
- Iqela iMolweni nalo elinabahlolokazi kakhulu elimamela le nkqubo-yesi ngesiZulu konomathotholo abasebenza ngelanga basawuqhuba umthandazo.
- Iqela Umlazi-ndlu Yokuthandaza inamatyeli amathathu okuhlangana imihla ngemihla.

Xana uLyn ebe phaya, ufumene ithuba no Zoee noPhilile lokudibana neqela labathandazi I Umlazi. NguPastor Janet obekhokela eli qela ukusukela ngo 1995. Kwiminyaka edlulileyo, bebesebenzisa le Project Hannah Alimanaki beqonde ekuthandazeleni izicelo zomthandazo. Bebehlala bedibana kwityotyombe eliwayo lwamaplanki. Ngotyelelo nje luka Lyn bamilisele intente, bebeyile apha kumashumi amabini abafazi kule ntlangano. Babenexesha elimnandi no Thixo eZwini kwaye bachithe ixesha bethandaza. Iintlangano zemithandazo bazibamba imihla ngemihla ngentsimbi yesihlanu ekuseni nangeyesithandathu entshona langa. Eli qela labathandazi alinandawo yokuthandazela ngoku ngoba umkhukhu wabo uwile emva kwemvula. Bathandazela ukufumana umkhukhu omtsha wamaplanga ibe yindlu yabo yokuthandaza.

Thandaza ukuba abahlanganisi banganda bafumaneke kwiindawo ezifana ne Rhawutini, KZN, nase Kapa. Bulela kuThixo ngo Veronica, Avrille, Jay, Brenda, Eunice, Linda, Pumla, Margaret, Geraldine nezinye iinkokheli.